
## Singoobani?

SiliSebe loLawulo woMmandlaeNtshona Koloni sinikwe uxanduva ngokoMgaqo-Siseko wokujonga yonke into nokuxhasa ooMasipala bazise iinkonzo kwiindawo ezihlala abantu. Olu xanduva lubekwe kwiSebe ngombono nendlela omawenziwe ngayo umsebenzi.

### Umnqophiso wethu

- Kukuba sibe liqela elisebenza ngocikizeko nodlamko olukhokelela koomasipala abanikeza iinkonzo phantsi kolawulo olufezekileyo ngendlela ekhawulelana nezidingo zoluntu, ezinzileyo nemanyeneyo.
- Kukusebenzela unikezo lweenkonzo olufezekileyo ngolawulo oluqiqileyo nangengqinisekiso yentatho-nxaxheba yamanqanaba karhulumente onke kunye namaqela angamahlakani aphakathi koluntu.
- Kukwenza ukuba oomasipala babe nakho ukunikeza iinkonzo ngokwesigunyaziso sabo ngocwangciso olululo, uphunyezo, i-IGR inkxaso, izibonelelo ezizinzileyo, ngophuhliso lwezakhono nenkxaso yezomthetho.
- Kukubek' esweni, ukunxibelelanisa nokuxhasa oomasipala ukuze bafezekise isigunyaziso sabo sophuhliso

### Ngubani oselulawulweni?



UMphathiswa wethu nguAnton Bredell. Ungusopolitiki onyuliweyo onoxanduva lokunika umkhombandlela kwimisebenzi eyenzeka kwiSebe ngokuhambelana nemigaqo-nkqubo kaRhulumente kuZwelonke nakumaPhondo.



INtloko yeSebe nguGq. Hildegarde Fast ongumsebenzi karhulumente. Uqeshelwe ukuqinisekisa ukuba iSebe lizenza ngokufezekileyo nangokucikizekileyo izinto ezivela kuMphathiswa nakulawulo lukaRhulumente.

## Senze njani ngonyaka ka-2013/2014?

Sibe nakho ukwenza ngokwesithembiso ngasinye ebesisenzile. Naku okuncinci kwezinye izinto esithe saphumelela ukuzenza njengoko kubhalwe kwiNgxelo yoNyaka yethu ka-2013/14 enokukhutshwa nayo kwiwebhusayithi yethu yeSebe.

### Ukuxhasa ooMasipala elulawuleni

Isebe linikeze ngale nkxaso ilandelayo kooMasipalamunicipalities:

**Siqhube njani?**

**Lilonke**

ISebe linoxanduva olukhulu lokukhuthaza ulawulo olulungileyo kooMasipala nokuphucula unikezelo ngeenkonzo.

- OoMasipala abali-11 baxhaswa ngokuthi batshintshe izinto zilungele iimfuno zabo bathathela kubo izinto ngokusemthethweni ngendlela abafuna ukwenza ngayo.
- ooMasipala aba-2 baxhaswa ngokungenelela kwimiba yolawulo enzima.
- OoMasipala abali-16 baxhaswa ngokusebenzisa ubuchule bokulwa urhwaphilizo.
- NgeyoKwindla, uMthetho S106 oYilwayo woMthetho weNkqubo obizwa ngoku ngokuba nguMthetho wokuJonga Yonke Into nokuXhasa uMthetho wooMasipala eNtshona Koloni wapasiswa yiNdlu yoWiso-mthetho yePhondo.
- OoMasipala abali-11 bancediswa ukusebenzisa ulwakhiwo oluhambelanayo.
- ISebe laqulunqa iikhowudi zooMasipala ezili-14 okwexeshana.

**2013/ 2014**

URhulumente weNtshona Koloni
UBAMBISWANO NGAMANDLA

# INGXELO YONYAKA KUBEMI 2013/14



Nyaka ngamnye, sisebenzela ukuphucula iinkonzo zikarhulumente nonikezo lwazo endaweni yakho. Siza kuyenza ngcono iNtshona Koloni
**UBAMBISWANO NGAMANDLA**

## Ukuphucula iinkonzo zethu

Lo nyaka mali ka-2015 ungenayo uza kubonisa isiqalo esitsha esiza kusetyenziswa kule minyaka ilandelayo mihlanu kurhulumente. Kule minyaka mihlanu idlulileyo iSebe lizifumene uninzi lwezinto ebelizimisele ukuzifumana. Ukubheka phambili siya kungena nzulu kwimpembelelo yomsebenzi wethu esiwenzileyo kwiminyaka emihlanu edlulileyo size siqinise nentlanganisela noNondyebo wePhondo, neSebe leMicimbi yokusiNgqongileyo neSicwangciso soPhuhliso. Siza kuqinisekisa ukuba amasebe karhulumente acwangcisa kunye ukuze impembelelo kwiindawo zokuhlala abantu zibe kumgangatho ophezulu.

### Eminye imithombo yolwazi :

- Ingxelo yonyaka ka-2013/2014
- ISicwangciso soNyaka sokuSebenza 2013/14
- UMgaqo-siseko weSebe wonikezelo-nkonzo

### Ningaqhagamshelana njani nathi:


**UMphathiswa wePhondo**
**UMnu Anton Bredell**
**UMphathiswa woLawulo lweeDolophu, iMicimbi yokusiNgqongileyo neSicwangciso soPhuhliso**
Private Bag x9186
Cape Town
8000

**IOfisi yeNtloko yeSebe**
**Gq. Hildegarde Fast**
**INtloko yeSebe**
Private Bag x9076
Cape Town
8000

Iwebhusayithi yePhondo: **www.westerncape.gov.za**


URhulumente weNtshona Koloni
UBAMBISWANO NGAMANDLA




## Ukukhuthaza unxibelelwano phakathi kooMasipala nabantu basekuhlaleni

Unxibelelwano phakathi kooMasipala nabantu basekuhlaleni yeyona nto ibalulekileyo kwidemokhrasi yethu. Kulo nyaka mali ugqithileyo, iSebe ligxininise kwinkxaso yalo kooMasipala. Le nto iza kwenziwa ukuqinisekisa ukuba unxibelelwano luyasebenza kwaye lwenzeka ngempumelelo kwiikomiti zasekuhlaleni, phakathi kooMasipala nabantu ekuhlaleni.

- Ngokwezicelo ezathi zaphakanyiswa ukuxhobisa abantu ngezakhono ngendlela zokunxibelelana, ezo zicelo zakhutshwa zasiwa kooMasipala aba-8 kwaye ooMasipala aba-6 kwaba basi-8 baxhaswa ngophuhliso nokusetyenziswa kobuchule babo bonxibelelwano.
- OoMasipala abali-10 baxhaswa ngephulo elibizwa ngoku ukuba yazi ikomiti yethu yasekuhlaleni. Ikomiti yasekuhlaleni yabamba inxaxheba ethathwe luluntu ngokwenza ucweyo.
- OoMasipala abali-11 bancediswa ngophuhliso lwezicwangciso zeenkqubo zasekuhlaleni.
- OoMasipala abali-9 baxhaswa ngoqeqesho lweekomiti zasekuhlaleni nokuxhobisa ngezakhono.

**ISebe ladlala indima yokuqwalasela iNkqubo yaBasebenzi eKuhlaleni, nkqubo leyo ilawulwa liSebe likaZwelonke kuRhulumente weNtsebenziswano. Ngonyaka ka-2013/14 ooMasipala abali-13 basebenzisa le nkqubo kwaze kwadalwa izithuba zemisebenzi ezingama-7 748.**

**7 748** amathuba engqesho kwi-CDW avuliweyo

## Ukuzisa iinkonzo zikarhulumente ebantwini




Ngabantu abayi-**1.2 yesigidi** abancedwe kuMaziko eThusong kwiPhondo lonke

Uphuhliso kwiindawo ezihlala abantu lunokwenzeka kuphela ukuba iinkonzo zikarhulumente ezilungiselelwa ukuba zize notshintsho olufunekayo kwiindawo ezihlala abantu ziyafikelela kubantu ekufuneka zifikelele kubo. Ngenxa yokunqongophala kolwazi abantu abaninzi ekuhlaleni amaxesha amaninzi abalwazi uncedo abanokulufumana kurhulumente. Kumaxa amaninzi abanandlela yokufikelela kwiinkonzo zikarhulumente ngenxa yemigama ngokwezendalo ekufuneka beyihambile namaxabiso axhomileyo ezithuthi.

Kude kube ngoku, iSebe ngeNkqubo yoPhuhliso lwaBasebenzi eKuhlaleni neNkqubo ekuthiwa yiThusong basebenze necandelo loluntu namanye amahlakani ukunqanda okungekehli ukuqinisekisa ukuba abantu ekuhlaleni baya fikelela ngokubanzi kwiinkonzo zikarhulumente.

Kunyaka mali odlulileyo, iNkqubo ebizwa iThusong ithe yaphumelela kwezi zinto zilandelayo:

- OoMasipala aba-4 baxhaswa ukuba bamisele amaZiko amatsha eThusong.
- Kwabanjwa iiprojekthi ezingama-28 zokunikeza ngoncedo ebantwini eThusong kwaze kwafikelelwa kubantu abangama 31 440.

Ngaxeshanye, iNkqubo yoPhuhliso lwaBasebenzi eKuhlaleni nayo ifumene oku kulandelayo:

- Zingama-24 826 izikhalazo ezinxulumene nemiba efana ne-Unemployment Insurance Fund, Intlanganisela yamaShishini, uPhuhliso lweZakhono, ezeMfundo neZezindlu zagqithiselwa kwiinkonzo zikarhulumente.

**24 826** izehlo ezithunyelweyo

**62** iiprojekthi zabahlali ezixhasiweyo

**549** iiseshini zokunika ingcaciso ezibanjiweyo

**44** amaphulo ongezekileyo amiselwe ngokusesikweni

- Kwabanjwa iintlanganiso zokwazisa ezingama-549 ezinyathela imiba efana nokufikelela kwiZibonelelo zoLuntu zikaRhulumente, ezeMfundo ngeNtengo yeZezindlu noBundlobongela baseMakhaya. Kwaxhaswa ezinye iziphakamiso ezingama-44 ezazibanjwe ngamanye amasebe karhulumente.
- Iiprojekthi ezingama-62 zasekuhlaleni ukusula kwiinkqubo zesondlo, ezoshishino, amakhaya/amakhitshi atyisa abantu abahluphekayo zaxhaswa kwiintlanganisela zamashishini okanye iikoporasi.

## Ukuxhasa inani elithathwa ngooMasipala

Isebe linikwe igunya nguMgaqo-siseko ukuxhasa ooMasipala ukuze bakwazi ukuba nakho ukunikeza ngegunya labo.Inani elithathwayo kooMasipala lenza utshintsho kunikezelo ngeenkonzo nanjengoko linempembelelo ekubeni uMasipala abe nakho ukuhambelana nomthetho.

NgeNkqubo Yokuxhobisa ngezaKhono iSebe lanceda ooMasipala ngale ndlela ilandelayo:

- Ngendlela yokudibana ngenkxaso-mali ooMasipala abasi-7 bancediswa ngeziphakamiso zokuxhobisa ngezakhono ukusuka ekuYilweni kweMibutho, ukuhlola imveliso, ukuhlola umsebenzi neNkqubo yokuLawula Ukwenza.
- OoMasipala abangama-25 baxhaswa ngokusetyenziswa koMthetho kaMasipala weRhafu yePropati.
- OoMasipala abangama-27 bahlolwa kwimeko ye-ICT.

**25** oomasipala abaxhaswa nge-MPRA

## Ukuxhasa ngokunika ingxelo kwizinto eziyimfuneko

Njengoko kufunwa ngumthetho, iSebe labamba ucweyo nooMasipala bonke baze bajonge imilinganiselo nengxelo yokwenza efanayo, eyomeleza iinjongo zangaphambili zokuJonga yonke into nokuHlola ISebe lakhupha iingxelo zekota yonyaka ngendlela abaqhuba ngayo oomasipala eyaphela kuqulunqwa iNgxelo edityanisiweyo yoNyaka yoKwenza kukaMasipala.

## Ukuxhasa ngokunxulumene nemiba yezibonelelo zokusebenza

Izibonelelo zokusebenza zinomsebenzi onzima ekuqinisekiseni unikezelo ngeenkonzo ebantwini ekuhlaleni: Apha kulapho ooMasipala badibana nemiceli-mingeni enxulumene nokunqongophala kwezakhono nezibonelelo ezifanele izicwangciso ngezibonelelo zokusebenza,uphuhliso nolawulo.

INgonyaka ka-2013 iSebe libonelele ngale nkxaso ilandelayo:

- OoMasipala aba-5 baxhaswa ngesixa seSicwangciso sezibonelelo zokusenza nendlela emasisetyenziswe ngayo.
- OoMasipala abangama-24 baxhaswa ukuze bachithe iZibonelelo zokusebenza zabo zikaMasipala.

**100%** inkcitho ye-IG

**Iminyaka emine elandelayo iphondo lafumana i-98% kwiZibonelelo zokusebenza zikaMasipala. Le nkcitho yafikelela kwiipesenti ezili-100 ekupheleni kukaJuni 2013, isenza loo nto ukuba ibe kuphela kwephondo elifikelela kulo mgangatho wenkcitho.**

## Ukuxhasa kwiSicwangciso soPhuhliso eSidibeneyo

IZicwangciso zoPhuhliso eziManyeneyo zisisiseko sokunikezela ngeenkonzo kwiindawo ezihlala abantu. ISebe lixhasa ooMasipala ukuqinisekisa ukuba iziCwangciso zoPhuhliso eZidibeneyo zisemgangathweni kwaye ziyasebenziseka.

Kwabonelelwa ngenkxaso ngolu hlobo lulandelayo:

- IziCwangciso zoPhuhliso eziManyeneyo kooMasipala bonke abangama-30 zahlolwa ukuqinisekisa ukuba ziyasebenziseka. AmaSebe ali-15 kwiPhondo, kuZwelonke neeArhente zathatha inxaxheba kolu hlolo.
- Ukuphucula umgangatho weziCwangciso zoPhuhliso ezidibeneyo iSebe libonelel ngendlela ezili-18 ezahlukeneyo apho amagosa kamasipala athe aqeqeshwa kwiziCwangciso zoPhuhliso eZidibeneyo.
- OoMasipala aba-8 baxhaswa ukuze baphuhlise kwaye basebenze,beza nezicwangciso zokuphuhlisa kwingingqi/ebumelwaneni ngomgangatho weenkonzo zasekuhlaleni bajonge kwaye baphendule kwiimfuno ezithile zasekuhlaleni kwindawo ethile ehlala abantu.
- AmaSebe angama-55 angenele kwizinto emazenziwe kuqala siSicwangciso soPhuhliso eSidibeneyo, ukusebenza nokulungelelanisa uhlahlo lwabiwo-mali.

## Ukulungiselela imeko yonxunguphalo



INtshona Koloni iyathandwa yimililo nezantyalantyala eziphazamisa ubomi babantu ekuhlaleni. NgeZiko loLawulo lweMeko Yonxunguphalo, iSebe lunoxanduva lokuququzelela ukulungiselela imeko yonxunguphalo nokuphendula kwiPhondo.

Oku kulandelayo kwafunyanwa ngonyaka ka-2013/14:

- AmaSebe asi-8 ePhondo, ooMasipala namashishini kaRhulumente ancediswa ukuphuhlisa izicwangciso zokulungiselela imeko yonxunguphalo.
- Zimeko ezili-9 eziphinde zasebenza emva kokuba bezingasebenzi nemeko yonxunguphalo ezaxhaswayo nezajongwa zonke.
- OoMasipala aba-6 baxhaswa ukuze baphuhlise iZahluko ezinokusetyenziswa kuLawulo lweMeko Yonxunguphalo kwiziCwangciso zoPhuhliso oluDibeneyo.
- OoMasipala aba-5 baxhaswa ngohlolo lwemeko yonxunguphalo kwiSithili kumngcipheko nokuphelelwa ngamandla.
- Inani lokulwa imililo yasemaThafeni longezwa ngamaphulo okuqatshelwa kwemililo nezantyalantyala ezaqhutywa kooMasipala aba-6 kwiingingqi ezabonwa njengezinomngcipheko. Iindlela zokulwa imililo kwiintambo zeengcingo ezizisa unxibelelwano nazo kwabonelelwa ngazo kwiingingqi ezinomngcipheko ophezulu.

**9** iziganeko zoncedo kwiintlekele ebezikho

## Umbutho wethu nabasebenzi

Ukusuka ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2014 iSebe laqesha abasebenzi abangama-345.

Unikezelo ngokwemivuzo ihamba ngolu hlobo lulandelayo:

| Iindidi zemivuzo | Inani labaqeshwa abaqeshwe kulo mgangatho |
|---|---|
| Izakhono ezikumgangatho osezantsi (Imigangatho 1-2) | 2 |
| Abanezakhono (Imigangatho 3-5) | 36 |
| Imveliso ekumgangatho ophakamileyo wezakhono (Imigangatho 6-8) | 241 |
| Izakhono zokujonga indlela ekwenziwa ngayo umsebenzi kumgangatho ophakamileyo (Imigangatho 9-12) | 115 |
| Ulawulo olukumgangatho ophakamileyo (Imigangatho 13-16) | 17 |

## Uhlahlo lwabiwo-mali lwethu

Uhlahlo lwabiwo-mali esilufumanayo lulonke lwaba li-R175 lesigidi. ISebe lasebenzisa i-R172 lesigidi ebesabelwe sona. Le nto ibonisa ukuba imali echithiweyo ibe ngaphantsi ngama-R3 000.

### Ukucalu-calulwa kohlahlo lwabiwo-mali:

| Ezibizwa ngokuba zezoQoqosho | Total |
|---|---|
| IMbuyekezo kubaqeshwa | R120 million |
| Impahla neenkonzo | R41 million |
| Imali efakwe kweminye imithombo nezibonelelo | R8,2 million |
| Imali ekhoyo | R3,8 million |
| Impahla ezikhoyo | R200 000 |
| **Iyonke** | R175 million |

### Ukucalu-calulwa kohlahlo lwabiwo-mali ngenkqubo nganye:

| Inkqubo | Uhlahlo lwabiwo-mali |
|---|---|
| Ulawulo (Inkqubo) | R31,6 million |
| Ulawulo lweNkqubo lweeNkqubo zoMmandla zikaRhulumente (Inkqubo ye-2) | R98,2 million |
| Uphuhliso noCwangciso (Inkqubo ye-3) | R45,6 million |
| **Iyonke** | R175 million |